Isifundo 10

**Agasti 29–Septemba 4*

Indlela Enomdla Yokuba Yinxalenye

SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo sale Veki:
Gen. 1:1, 2, 26; Eks. 18:21–25; 1 Kor. 12:12–25; IZenzo 16:11–15, 40; IZenzo 4:31; IZenzo 12:12.

Indima Yenkumbulo:
"Aze athi kubafundi bakhe, Ukuvuna okunene kuninzi, kodwa bona abasebenzi bambalwa. Khungani ngoko eNkosini yokuvuna, ikhuphe abasebenzi, baye ekuvuneni kwayo" (Mateyu 9:37, 38).

Othile wathi, "Kukho amandla emananini [kubuninzi]." Ngendlela ethile, oko kuyinyaniso. Wakha wayiqaphela into yokuba ukhuthazeka kakhulu ukuzilolonga xa ukwenza oko neqela labantu kunaxa ukwenza uwedwa imini nganye? Abantu abaninzi bazihlanganisa namaqela empilo, ukuzilolonga, neendawo zokuzilolonga kuba bekholelwa ukuba baya kuzilolonga ngcono bakonwabele xa bekwenza oko nabanye abantu. Ngokunjalo, uThixo usidalele ukuba nolwalamano. Singabantu bokuba nabanye, kuthi, njengokuba kunjalo ekuzilolongeni, kukwanjalo nakwizinto ezininzi ebomini: senza ngcono xa sinohlelo lokusixhasa ebantwini. Kunjalo ngokukodwa kwimiba yasemoyeni. Kuyo yonke iBhayibhile, amaqela amancinane aphakanyisiwe njengenye yeendlela zikaThixo zokomeleza ukholo lwethu, ukwandisa ukwazi kwethu ilizwi laKhe, ukuqinisa ubomi bethu bomthandazo, nokusixhobisela ukungqina. UYise, noNyana, noMoya Oyingcwele baba nenxaxheba kulungiselelo lwamaqela amancinane. UMoses wayeyinkokeli yeqela elincinane. UYesu wamisela iqela elincinane laKhe labafundi, kanti umpostile uPawulos wayehamba ilizwe laseRoma neqela elincinane lakhe lamaqabane ovangelo. Kwisifundo sale veki, siza kuqwalasela kwisiseko seBhayibhile samaqela amancinane, kwaye uza kufumana indlela enika umdla ongaba nenxaxheba ngayo.

**Funda Isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha kaSeptemba 5.*

Amaqela Amancinane: Ingcinga KaThixo Kuqala

Funda: Genesis 1:1, 2, 26; Hebhere 1:1, 2; noEfese 3:8, 9. Zibutyhila njani ubunye bukaThixo ezi ndima?

UYise, uNyana, noMoya Oyingcwele baba nenxaxheba bekunye eNdalweni. Elowo wayenemisebenzi yaKhe eyahlukileyo kodwa basebenza kunye beyimbumba engenakwahlulwa. UYise wayeyiNtloko ekuzobeni, umzobi omkhulu. Wawenza amacebo aKhe ngoYesu, umthunywa okhutheleyo ekuDaleni ekunye namandla kaMoya Oyingcwele. Isenzo esinjalo esinamandla angaphaya kwemvelo sikude le ukuba singakwazi ukusiqonda. Yintoni esinokuyiqonda, ngokucacileyo kunjalo, bubunyaniso bobukho belizwe elidaliweyo nako konke okukulo, kodwa uThixo Yena wakwenza konke (bona kwabaseRoma 1:18–20). Amaqela amancinane ayeyingcamango yokuqala kaThixo. Nangona kufuneka ukuba ubani akulumkele ukwenza ukuthelekisa ngokubhekiselele kwiimfihlelo ezininzi ezingemiba kaThixo, masisebenzise kuphela ukuthelekisa kube kunye ngendlela nje elula sithi, uYise, uNyana, noMoya Oyingcwele "babeliqela elincinane" lokuqala embalini yosindiso. Baba nenxaxheba kunye ekudaleni uhlanga loluntu emva koko nasekuluhlanguleni emva kokuWa kwalo [esonweni].

Thelekisa uYohane 10:17, 18 namaRoma 8:11; kunye no-1 Korinte 15:15. Ukuvuka kukaKristu kububonisa njani ubunye bukaYise, uNyana noMoya Oyingcwele kwicebo losindiso?

UYise, uNyana, noMoya Oyingcwele bamanyane "baliqela elincinane" elinenjongo ephambili yokuhlangula uhlanga loluntu. "Icebo losindiso laba nendawo yalo kumacebiso aBo bangenamda nasiphelo kususela kwaphakade."—Ellen G. White, Fundamentals of Christian Education, p. 186. Akukho nto ibaluleke kakhulu kuThixo kunokusindisa abantu abaninzi kangangoko (1 Tim. 2:4, 2 Pet. 3:9). Amaqela amancinane anokuba neenjongo ezininzi esiza kuzifunda kwisifundo sale veki, kodwa injongo ephambili kukuqwalasela ekuzuzeleni uYesu abantu abalahlekileyo. Oko kukuthi, ngokusebenza ngamaqela amancinane, sinako ukunceda, kungekuphela iziqu zethu kodwa nabanye. Kutsho ukuthi, owona mgomo wamaqela ethu amancinane umele ukuba kukuzuzwa kwemiphefumlo.

Gxila kwimfihlelo yobunye bukaThixo wethu. Kunzima ukukuqonda, akunjalo? Kanti ke, sisenako ukukukholelwa nokukuthemba oko singakuqondi ngokupheleleyo, akunjalo? Yintoni eyenza ukuba lo ube ngumthetho-siseko obaluleke kakhulu kumaKristu ukuba awulandele xa kuthethwa ngokholo?

Amaqela Amancinane EsiBhalweni

IBhayibhle inika imizekelo eliqela yamaqela amancinane ethandaza, enobudlelane, ekhuthazana omnye nomnye, esebenza kunye ngenxa kaKristu. La mathuba anika abantu bakaThixo amathuba okwabelana ngemithwalo nokusebenzisa ngokupheleleyo izipho zawo ezahlukeneyo. Oko kukuthi, amaqela amancinane anika ithuba iNkosi ukuba isisebenzise ngabanye ngokupheleleyo.

Funda: Eksodus 18:21–25. Cebiso lini lokubonelela kukaThixo elanikwa uMoses ngumkhwe wakhe uJetro elenza umahluko obonakalayo kuMoses? Lalibaluleke kakhulu ngokuba kutheni eli cebo?

Wonke umntu enkampini kaIsrayeli waba yinxalenye yeqela elineshumi, elikhokelwa ligosa elimoyikayo uThixo. La maqela mancinane ayeyindawo yokusombulula ingxaki, kodwa ayengaphezu koko. Ayezindawo apho ulwalamano, apho kuthintelwa khona ukuvela kweengxaki nokondliwa kobomi basemoyeni. Yayizindawo zombono apho amacebo kaThixo ngoIsrayeli kwakusabelwana ngawo. Kumaqela alolu hlobo, abantu babekwazi ukwakha ubudlelane obuliqilima nobunenkathalo obabunokunceda bonke abakhoyo emsebenzini nokuba iyintoni imiba ababejongene nayo. Inika umdla kakhulu into yokuba iintshatsheli zamaqela amancinane zisixelela ukuba, inani eqeleni elikulungele kakuhle ukusebenzisana liphakathi kwesithandathu ukuya kwishumi elinambini labantu. Lingako kanye inani elathi lasetyenziswa nguMoses noYesu ekwenzeni amaqela wabo.

Funda: Luka 6:12, 13; Mateyu 10:1; noMarko 3:13–15. Yayiyintoni injongo kaYesu entlantlu-mbini ngokubiza abafundi ebakhethela ukuba babe yinxalenye yeqela elincinane lolungiselelo lwaKhe?

Injongo kaYesu ekubizeni kwaKhe abafundi ukuba abalungisele kokubini okwasemoyeni nokusebenza umsebenzi wabo abawuthunywe ehlabathini? Ngokwalamana kunye naYe, babeza kukhula elubabalweni. Kwimeko yeentlanganiso zeqela labo elincinane, babeza kufunda ukulungiselela ngendlela eneziphumo kakhulu. Imihla ngemihla, xa babekhangele uYesu elungiselela kwizidingo zabantu abamngqongileyo, babefunda ngokubukela indlela yokusebenzisa izipho zabo. Injongo kaYesu ngamaqela amancinane yayikukukhulisa ngokwasemoyeni nokuvangela.

Cinga ngexesha owawukhe wakho kwiqela elincinane labantu, nokuba yayisithini imeko, ababekhathalelana nababesebenza benomgomo omnye. Yintoni owayifundayo koko enokukunceda ukuba uliqonde ixabiso lamaqela amancinane ngokwemeko yokholo?

Ukuqulunqelwa Ukusebenza

Funda: 1 Korinte 12:12–25. Umzimba unika umboniso onjani omhle wentsebenziswano kunye ngokuphathisana kumaqela amancinane?

UPawulos akanelanga ukutyhila ukubaluleka kwezipho zikaMoya kuphela ebomini bebandla, ukwacebisa nesibonelo sendlela ezingaqulunqwa ngayo. Uxoxa ngezipho zikaMoya kwimeko yomzimba kaKristu nendlela ongasebenza ngayo. Isifundo sokwakhiwa nemo yomzimba siveza ukuba amalungu aqulunqwe angamahlelo awahlukeneyo asebenzisanayo. Umzekelo, uhlelo lokutya, olwentliziyo, olokuphefumla, nolwamathambo ngamanye nje amahlelo ambalwa omzimba angamalungu aneenkcukacha ezininzi. Izipho zikaMoya zifana neendawo zomzimba ezahlukahlukeneyo. Zisebenza kakuhle xa ziqulunqwe zangamahlelo okanye amaqela. Kakuhle, kwiimeko eziliqela azikwazi ukusebenza sisinye sisodwa. Imizimba yethu ayiyo mbumba yamahlelo awahlukeneyo lilelo lizisebenzela lodwa likude lisenza oko likwenzayo. Umsebenzi ngamnye womzimba uqulunqwe waluhlelo olunye olusebenzisa wonke amalungu ehlangene ukufikelela kumgomo omnye.

Konke oku kusixelela okuthile ngendawo esikuyo apho sinokusebenzisa ngcono izipho zethu zikaMoya. Kulula kakhulu ukutyhafa xa elowo esebenza yedwa, kodwa xa siyinxalenye yeqela elincinane elinabantu abaneminqweno nemigomo efanayo, sifumanisa ukuba imizamo yethu inokujongiswa yandiswe ngcono kakhulu. Amaqela amancinane enza kubekho indawo elunge kakhulu yokusebenzisa izipho zethu zikaMoya kwaye anokuba yintliziyo yovangelo lwebandla lasekuhlaleni. UEllen G. White ulibeka libelikhulu ixabiso lamaqela amancinane ngamazwi athi: “Ukwenziwa kwamaqela amancinane njengesiseko selinge lobuKristu kubekwe kum nguLowo ungenako ukuphazama. Ukuba kukho inani elikhulu ebandleni, amalungu mawenziwe abe ngamaqela amancinane, ukuze anganeli kuphela ukusebenzela amalungu ebandla, kodwa nabangakholwayo. Ukuba kwindawo enye kukho ababini okanye abathathu abayaziyo inyaniso, mabazenze babe libutho labasebenzi. Mabaligcine ityathanga lobunye lingaqhawukanga, batyhale kunye ngothando nobunye, bekhuthazana omnye nomnye ukuba babheke phambili, elowo ezuza inkuthazo namandla kuncedo lwabanye.”—*Testimonies for the Church*, vol. 7, pp. 21, 22.

Ulungiselelo lwamaqela amancinane luthanjiswe nguThixo ukwenza ukuba ilungu ngalinye lebandla likhule emoyeni, libe nobudlelane obufudumeleyo, nokusebenzisa izipho ezivela kuThixo emsebenzini.

Cingisisa intetho kaEllen G. White elapha ngasentla. Yicazulule indawana ngendawana. Lingenziwa njani eli cebiso lezulu ebandleni lakho?

Amaqela Amancinane ETestamente ENtsha

Ibandla leTestamente eNtsha landlondlobala ukukhula. Ngeminyaka nje emifutshane lakhula ukusuka kwiqela elincinane lamakholwa laya kumashumi amawaka abantu abanqulayo. Zaba zininzi iimeko ezenza ukuba kubekho oku kungena kwamakholwa nesi siphumo sokukhula ngokukhawuleza. Ulungiselelo lukaYesu lwahlwayela imbewu yevangeli yalungisa izihlwele ukuba zikwamkele ukushumayela kwabafundi. Akuba enyukile uKristu, uMoya Oyingcwele wehla ngamandla ngemini yePentekoste phezu kwabafundi abathandazayo, nabakholwayo. Enye imeko eyaba negalelo ekukhuleni ngokukhawuleza kwebandla leTestamente eNtsha yayiyimeko yobuncinane beqela lalo. Amaqela amancinane aya enza umahluko.

Funda: IZenzo 18:1–5 noIZenzo 20:1–4. Ucinga ukuba kutheni le nto uLuka edwelisa amanye amagama abo uPawulos wayesebenza ngokusondeleleneyo kakhulu nabo?

Kuyathathekisa ukuphawula ukuba uLuka ukhankanya amagama athile abo uPawulos wayesebenza nabo. Kuye umntu ngamnye wayebalulekile. Wayebazi ngamagama. Babe xhasana omnye nomnye emsebenzini wabo wovangelo. Nangona inani lamagama axeliweyo lilincinane, oko kunceda ukubonisa into ngokubaluleka ngokusebenza ngokusondeleleneyo omnye nomnye, nakumanani ambalwa. Umntu ngamnye kwabo bantu ngokuqinisekileyo wayenazo izipho ezazahlukile kwezo abanye babenazo. Babe neemvelaphi ezahlukeneyo kwaneenkcubeko ngokunjalo. Iindlela zabo zokukhangela izinto zazingasoloko zifana, kodwa elowo wayenegalelo elibalulakileyo alenzayo emsebenzini kaKristu. Ukwahlukana kwezipho, iimvelaphi, namava konke kwabanegalelo ekukhuleni kwebandla. Elowo nalowo banikela emsebenzini kaKristu bethabatha kubutyebi bemvelaphi yabo ngabanye namava wabo noYesu.

Thelekisa IZenzo 16:11–15, 40; noIZenzo 12:11, 12. Sithini isimemo uLidiya awasinika uPawulos kwangoko emva kokuguquka kwakhe? UPawulos noPetros babheka phi emva kokuba bekhululwe entolongweni?

Amakholwa eTestamente eNtsha athi rhoqo ehlangana ezindlwini. Amakhaya amaKristu aba ngamaziko enkuthazo nombindi wolungiselelo lwamaqela amancinane.

Ukhe wacinga ngokuqala umsebenzi weqela elincinane ekhayeni lakho okanye uhlangane nomhlobo ukuba niqale umsebenzi weqela elincinane kwelo khaya lakhe? Ukuba usele uyinxalenye yolungiselelo lweqela elincinane, cinga ngento eninokwabelana ngayo neklasi yenu yeSikolo SeSabatha kule veki ngobuhle bawo loo msebenzi.

Amandla amaqela Amancinane

Amaqela amancinane ayinqwelo uThixo asebenzisa yona ekukhuliseni ibandla laKhe. “Azindawo zokhuseleko” apho abantu baxela khona iingxaki zabo babonisane ngezinto ezibadlayo. Anika amathuba okukhula emoyeni kwimeko yolwalamano lokukhathalelana. Abaninzi abangengawo amaKristu baya kuqala bazive bonwabe kakhulu ngokuba yinxalenye yeqela elincinane elihlanganela ekhayeni kunokuya enkonzweni yesiqhelo okokuqala.

Funda: IZenzo 4:31, IZenzo 12:12, noIZenzo 20:17–19, 27–32. Dwelisa zonke izakhi ezahlukeneyo kula maqela eTestamente eNtsha. Zinto zini ezazisenziwa kula maqela?

AmaKristu okuqala ayehlangana kunye ukuba athandazele abanye, ethandaza ngezinto eziwahluphayo, esabelana ngobushushu bobudlelane, efunda iLizwi likaThixo, ezixhobisela umsebenzi, enceda ukukhuselana kubafundisi bobuxoki, esebenza kunye kwimisebenzi yokuvangela. Amaqela amancinane enza umahluko. Abantu bahlanganisa izipho zabo emsebenzini, abantu abakhangela kumandla kaMoya Oyingcwele ukuba bavangele, basisixhobo esinamandla ezandleni zeNkosi.

Funda: Mateyu 9:37, 38. Uthini uYesu ngesivuno, siyintoni isisombululo saKhe sale ngxaki?

Abafundi bakubona kaluzizi ukuhambela phambili kweendaba ezilungileyo, kanti Yena uYesu wabona amathuba amakhulu. Wabelana nabo ngeendaba ezimnandi zokuba “ukuvuna okunene kuninzi” waza wayalatha ingxaki: “ ‘abasebenzi bambalwa’ ” (Mat. 9:37). Isisombululo sikaKristu sesokuba kukhungwe “eNkosini yokuvuna, ikhuphe abasebenzi, baye ekuvuneni kwayo” (Mat. 9:38). Amaqela amancinane ayimpendulo kumthandazo kaKristu kwaye alandisa ngamandla inani labasebenzi bokuvuna bakaKristu. Onke amaqela amancinane anempumelelo ajonge ukungqina nokusebenza. Ulungiselelo lwamaqela amancinane luza kuphela kungekudala ukuba aqwalasele kuwo ngaphakathi kungekho ngaphandle. Ukuba iqela elincinane lijonge ukuzinceda lona nokusoloko lisenza ngaphezulwana kokuxoxa nje kodwa, liya kuwa phantsi kwinjongo yalo, lilahlekwe sisizathu esiphilileyo sobukho balo. Amaqela amancinane akho ukuba akhokelele abantu kuYesu, akhulise ukholo lwawo kuYesu, nokuwaxhobisela ukungqina ngoYesu.

Akungethi kanti uThixo ubiza wena ukuba uqale iqela elincinane ekhayeni lakho? Kungani ukuba ungaqali ukuthandaza ngento uThixo akutyhilela yona ukuba uyenze? Kunokwenzeka ukuba usecicini lelona xesha linomvuzo ngokwasemoyeni ebomini bakho.

Ingcamango Eyongeziweyo:

Kwiminyaka eliqela eyadlulayo, ibandla elincinane laseYurophu ngaphandle kwesinye sezixeko ezikhulu zezwekazi, lagqiba ukuba libe nento ebonakalayo eliyenzela iNkosi. Ibandla lalingakhuli. Kwakuyiminyaka kungabhaptizwa mntu. Ukuba oku kwakuza kuqhuba ithuba, eli bandla lalingenalo ikamva. Umfundisi neliso lebandla bathandaza ngokunyameka nocoselelo becinga ukuba bangenza ntoni. Bathi xa befunda iTestamente eNtsha, bagqiba ukuba bamisele ulungiselelo lwamaqela amancinane. Isithoba samalungu ebandla sawubona lo mbono. Bazinikela ekuthandazeni kunye, bafunde nangendlela yokumilisela ngempumelelo ulungiselelo lweqela labo elincinane. Kungekudala bagqiba ukuba bawenze amakhaya abo abe ngamaziko ovangelo. Amaqela afunda ukusebenzisa izipho zawo ngeendlela ezahlukeneyo. Baqala ulungiselelo lokuthandaza nokubuka iindwendwe. Baphuhlisa imihlangano yobuhlobo ekuhlaleni. Benza imisebenzi yobubele emakhayeni, kubahlobo, nakwababefudula bengaBalindi. Iinkokeli zeqela elincinane zaqala izifundo zeBhayibhile kumakhaya asithoba anamashumi amane abantu abezayo. Ekugqibeleni kuloo mashumi mane kwabhaptizwa i-17. Ubungqina belo bandla lincinane, lingakhuliyo, bobokuba amaqela amancinane enza umahluko omkhulu. Ayenye yeendlala zikaThixo zokubandakanya amalungu ebandla emaninzi emsebenzini othunywe ibandla.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Eklasini, xoxani ngakumbi ngeziqalelo ezifunekayo kwiqela elincinane ngalinye njengoko landlaliwe kwisifundo sangoLwesine. Zeziphi ezinye iintloko zezinto ezenziwayo elinokubandakanyeka kuzo iqela elincinane? Zeziphi iindlela elinokunceda ngazo iqela elincinane apho banezipho ezikhethekileyo ukuba bakwazi ngokwenene ukuzisebenzisa ezo zipho ngaphezu kokuba bakha bazisebenzisa.

2. Kubaluleke ngantoni ukuba amaqela amancinane agcine ukuqwalasela kuvangelo lwangaphandle? Oko kukuthi, nokuba iqela linganceda njani ukondla nokuxhasa amalungu alo, kutheni le nto kufuneka ligcine embindini wenjongo zalo ukusasazwa kweendaba ezilungileyo? Kanti kunjalo, kutheni le nto iqela elincinane kufuneka lisoloko liqhogene nebandla lasekhaya? Kubaluleke ngantoni oko?

3. Ingaba wakha wayinxalenye okanye weva ngamaqela amancinane angazange asebenze kakuhle aza afa ekugqibeleni? Xoxani ngezizathu enicinga ukuba zingunobangela woku.

4. Cingani ngebali elingentla, oko kwenzeka eYurophu ngolungiselelo lweqela elincinane. Nicinga ukuba kwakutheni ukuze lisebenze kakuhle kangako? Yintoni le ayenzayo eyathi ngeendlela ezininzi, ilula kakhulu, kodwa yaba nempumelelo kakhulu? Kutheni ukusebenza kwindawo 'ekhuselekileyo" yasemakhayeni iyindlela enempumelelo yokuqala iphulo lovangelo ebumelwaneni okanye ekuhlaleni xa kuthelekiswa nakwisakhiwo senkonzo?